

Imikhwa Yegosa



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Efese 5:15–17, Kol. 3:23, Luka 12:35–48, Yakobi 4:14, IZenzo 3:21, 1 Kor. 9:24–27.

Indima Yenkumbulo:

“Umfana uya kuwuqaqambisa ngantoni na umendo wakhe? Ngokuzigcina ngokwelizwi lakho. Ndiya kuquqela kuwe ngentliziyo yam yonke; musa ukundilahlekanisa nemithetho yakho. Ndiyibeke intetho yakho entliziyweni yam, ukuze ndingoni kuwe” (Ndumiso 119:9–11).

Imikhwa yakho iveza injongo nalapho buya ngakhona ubomi bakho. Amagosa aphuhlisa imikhwa elungileyo angawona magosa athembekileyo. UDaniyeli wayenomkhwa wokuthandaza yonke imihla (Dan. 6:10). UPawulos wayenesiko lokuba sendlwini yesikhungu (IZenzo 17:1, 2). Ukwabhala athi: “Musani ukulahlekiswa. Incoko embi yonakalisa izimilo ezilungileyo” (1 Kor. 15:33). Kufuneka sikhulise imikhwa elungileyo ukuze sibeke yona kwindawo yemibi.

“Kufuneka sonke ngabanye sibe yile nto imikhwa yethu isenza sibe yiyo, ngoku nangonaphakade. Ubomi babo benza imikhwa elungileyo, baye bethembekile ekwenzeni wonke umsebenzi, buya kuba njengezikhanyiso, baphose imitha eqaqambileyo endleleni yabanye.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 4, p. 452. Indlela eyenziwa ngumkhwa yeyona ikhawulezayo onokuyithabatha ukuze uzuze umvuzo owufunayo. Umkhwa sisigqibo esibethelelweyo. Ngamanye amazwi, akudingi nokuba uwucinge; usuka uwenze. Loo mkhwa unokuba yinto elunge kakhulu okanye embi kakhulu, kuxhomekeka ukuba yintoni leyo uyenzayo. Kule veki siza kuqwalasela imikhwa enamandla enokunceda igosa ekuphatheni umsebenzi kaThixo.

*Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaMatshi 24.

Umkhwa: Funa UThixo Kuqala

Sonke sinayo imikhwa. Umbuzo uthi: Iluhlobo luni? Ilungile okanye mibi? Kuyo yonke imikhwa elungileyo umKristu anokuba nayo, ukufuna uThixo kuqala yonke imihla kufuneka kube yeyona nto ibalulekileyo kuzo zonke. “Yonke imihla kusasa zinikele kuThixo—umphefumlo, umzimba, nomoya. Yakha imikhwa yokuthandaza nokuthembela ngakumbi nangakumbi kuMsindisi wakho.”—Ellen G. White, *Mind, Character, and Personality*, vol. 1, p. 15. Sinomkhwa onjalo, ngokuqinisekileyo siya kungena “ngesango elimxinwa” elikhokelela ebomini (Mat. 7:14). UThixo wathi, “Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam” (Eks. 20:3). UYesu wathi, ngakwimeko yezidingo zethu ezinyanzelekileyo, “Funani ke tanci ubukumkani bukaThixo nobulungisa baKhe” (Mat. 6:33), kanti ke besikwaxelelwe ukuba: “Niya kundifuna, nindifumane, xa nithe nandifuna ngentliziyo yenu yonke” (Yer. 29:13).

Funda: Mateyu 22:37, 38; Zenzo 17:28; Efese 5:15–17; nomaKolose 3:23. Yintoni ethethwa apha enokwenza siyiqonde indlela yokubeka uThixo kuqala ebomini bethu?

Kuyo yonke imizekelo yethu ekufuneni iNkosi kuqala, awukho omhle kakhulu ukudlula umzekelo kaYesu. UYesu wabeka uYise kuqala kuyo yonke into. Siqala ukukubona oku kukhokelisa ngexesha lokuya ePasikeni eYerusalem esengumtwana. Wathi akuthethiswa ngumama waKhe, owamfumana “etempileni,” wathi kumama waKhe, “Ndimelwe kukuba ndibe semicimbini kaBawo” (Luka 2:46, 49). Kubo bonke ubomi baKhe, uYesu wayelangazelela ukuba nonxulumano noYise, njengoko kubonakala ngomkhwa waKhe wobomi bomthandazo. Lo mkhwa wawuyinto ababengayiqondi ngokupheleleyo abafundi. Onke amagunya obumnyama awazange akwazi ukumahlula uYesu kuYise, kuba uYesu wakwenza kwangumkhwa wakhe ukuzigcina eqhagamshelene naYe ngokupheleleyo. Sinako ukuwulandela umzekelo kaYesu ngokwenza isigqibo sokumthanda uThixo ngayo yonke intliziyo, ingqondo nomphefumlo wethu (Mat. 22:37). Ngokuthandaza, ukufunda iLizwi likaThixo, nokufuna ukulinganisa isimilo sikaYesu kuko konke esikwenzayo, kuya kwenza umkhwa wokumenza uThixo abe ngowokuqala ebomini bethu. KumKristu ke, nguwuphi umkhwa onokudlula lowo?

Zibuze: Ingaba ndimenze uThixo wangowokuqala ebomini bam? Wazi kanjani?

Umkhwa: Lindela Ukubuya KukaYesu

Funda: Luka 12:35–48. Lo mzekeliso usifundisa ntoni ngendlela emasiqhelane ngayo nokubuya kukaYesu kwesibini? Kutheni le nto konke esikwenzayo kufuneka kusoloko kukwimo yobunyaniso bokuBuya kwesiBini?

Ubugosa bumelwe kukwenziwa ngokomkhwa omile ekubuyeni kukaYesu. Ukuziphatha kwamagosa angathembekanga aziphatha ngokwathembekileyo, ekugqibeleni, kuya kwaziwa ngezenzo zawo; kuba amagosa anyanisekileyo, athembekileyo ayenza imisebenzi yawo ngokulinda nokusebenza ngokungathi inkosi yawo ikho kunye nawo. Aphilela ixesha elizayo esebenza ngokuthembeka imihla ngemihla. “Kuba thina ikowethu lisemazulwini, apho kananjalo silinde khona uMsindisi, iNkosi uYesu Kristu” (Filipu 3:20). UAbraham wayekhangele umzi ongunaphakade (Heb. 11:10), yena uPawulos ekhangele ukubuya kukaKristu (Heb. 10:25). Babengabantu abacinga phambii, belindela, beceba, bekulungele nangawuphi na umzuzu ukuhlangabeza uYesu. Kufuneka siphuhlise umkhwa wokukhangela phambili ngeliso elizinzileyo ekugqityweni kwegospile (Tito 2:13). Endaweni yokumana sikrwaqula okanye sikhangele isiprofeto, sidinga ukuhlala sikhangele, silindile, sisebenza, ngamaxesha onke siqonda ukuba unaphakade usilindele xa uKristu ebuya. Kwangelo xesha linye, kufuneka sikuphephe ukuthetha okungenamsebenzi okubonakala kusenza umdla ngeziganeko zokuphela kwexesha. Idinga lokuBuya kwesiBini lisinika umkhomba-ndlela ebomini bethu, lisinika imbono eyiyo emasiyinike, laye lisinceda ukuba sikukhumbule oko kubalulekileyo ebomini bethu. Umkhwa wokukhangela ukubuya kukaYesu usinika inkcazo nenjongo yegosa.

Umnqamlezo uyivulile indlela kuthi ukuba sibe nexesha elibekelwe bucala noMhlanguli wethu. Sikhangele iimpawu zendlela ezityhilwe esiBhalweni ezisalathisa ekuzeni kukaKristu esebuqaqawulini bukaYise nezithunywa zezulu (Marko 8:38). “Ngoko ke, asiwamiliseli amehlo ethu kokubonwayo, kuba okubonwayo kokomzuzwana, kodwa okungabonwayo kokukanaphakade” (2 Kor. 4:18, NIV). Ewe, ukufa, nobunyaniso bobukho kwako ngamaxesha onke, kufuneka kusinceda ukuba siliqonde ukuba lincinane kwaye lidlula ixesha esinalo siphila. Lona idinga lokuBuya kwesiBini nalo libonisa ukuba ukufa nako kokwexesha kwaye kudlula. Akumangalisi, ke ngoko, ukuba siphile ekukhanyeni kwedinga lokubuya kukaKristu, idinga elimele ukuba negalelo ebomini balo lonke igosa elingumKristu. Masikwenze kube ngumkhwa ngoku namaxesha onke ukuphila ngokulindela ukubuya kukaKristu. Kwaigama eli lethu lityhila ukuqiniseka koko kulindela.

Umkhwa: Sebenzisa Ixesha Ngobulumko

“Kuba singabezolo thina, asinakwazi; ngokuba isisithunzi imihla yethu ehlabathini” (Yobhi 8:9).

Ungayimisa iwotshi, kodwa akungeke ukumise ukuhamba kwexesha. Ixesha alilindi; liqhubeka njalo libheka phambili nokuba thina sime ngxi singenzi nto.

Zisifundisa ntoni ezi ndima zilandelayo ngexesha lethu apha emhlabeni kobu bomi? Yakobi 4:14; Nd. 90:10, 12; Nd. 39:4, 5; Intsh. 3:6–8. Sithini isigidimi esisiseko esimele ukusithabatha kwezi ndima ngendlela elixabiseke ngayo ixesha lethu apha?

Into enqongophele kangako nengakwaziyo ukuhlanguywa njengexesha, kubalulekile ukuba amaKristu abe ngamagosa walo alungileyo. Ngoko ke, kufuneka sikhulise umkhwa wokulisebenzisa ixesha ngobulumko ngokuqwalasela kokubalulekileyo kobu bomi nakobuzayo. Kufuneka siliphathe ixesha ngokokutyhilwa liLizwi likaThixo ukuba libalulekile, kuba, ngako nje ukuba liphele, aliphindi livuselelwe. Ukuba silahle imali, ekugqibeleni singayifumana, mhlawumbi nangaphezu kweyokuqala. Akunjalo ngexesha. Umzuzu olahlekileyo ngumzuzu olahleke ngonaphakade. Singalibuyisela ngokulula iqanda elaphukileyo phakathi eqokobheni lalo kunokuba singaphinda sibambe ixesha elidlulileyo. Ngoko ke, ixesha yenye yezinto ezixabisekileyo esizinikwe nguThixo. Kubaluleke kakhulu ke ngoko, ukuba siphuhlise umkhwa wokwenza okona kubalulekileyo ngawo wonke umzuzu esiwuphiweyo.

“Ixesha lethu lelithixo. Wonke umzuzu ngowaKhe, kwaye siphantsi koxinzeleko olunendili ukuba siliphuhlisele uzuko lwaKhe. Ayikho italente asinike yona aza kuthi afune ingxelo engqongqo ngayo ngaphezu kwexesha lethu. “Ixabiso lexesha lingaphezu kokubalwa. UKristu wawuthabatha wonke umzuzu ukuba unexabiso, kwaye nathi kufuneka siwuthabathe ngolo hlobo. Ubomi bufutshane kakhulu ukuba kungadlalwa ngabo. Sinemihla embalwa yenceba ekufuneka ngayo silungiselele unaphakade. Asinalo ixesha lokudlala, alikho ixesha lokuchithwa kwiziyolo zokuzonwabisa, alikho ixesha lokuziyekela esonweni.”—Ellen G. White, *Christ’s Object Lessons*, p. 342.

“Khangelani ngoko, ukuba ningathini na, ukuze kucokiseke ukuhamba kwenu; ningabi njengabaswele ubulumko, yibani njengezilumko; nizongela ixesha eli, ngokuba le mihla ayindawo” (Efese 5:15, 16). Uthini kuthi apha uPawulos, kwaye singawasebenzisa njani la mazwi kwimeko yethu yangoku?

Umkhwa: Gcina Empilweni Inggondo, Umzimba Nomphefumlo

Ngokwemveli yethu, sadalwa sagqibelela-engqondweni, emzimbeni nasemoyeni. Phofu ke, isono sonakalise konke. Iindaba ezimnandi zegospile, phakathi kwezinye izinto, zezokuba uThixo ukwiphulo lokusibuyisela koko sasifanele ukuba sibe kuko ekuqalekeni.

Funda: IZenzo 3:21 nesiTyhilelo 21:1–5. Lithini ithemba esinalo elifunyanwa kwezi ndima? Simele ukuphila njani lo gama silindele oku kubuyiselwa kokugqibela?

UKristu wasebenza engaphumli xa wayelapha ukuza kuphakamisa uluntu ngokwasemoyeni, nasengqondweni nasemzimbeni, konke kukokuhamba phambili ekubuyiselweni kokugqibela ekupheleni kwexesha. Ulungiselelo lukaYesu lokuphilisa kubonisa ukuba uThixo ufuna sibe sempilweni kangangoko sinako ngoku kude kufike isiphelo. Ngoko ke, amagosa amele ukuphuhlisa imikhwa yeengqondo zawo, imizimba, nemiphefumlo yayo ekhuthaza ukuphila ngendlela yempilo. Kuqala, ingqondo iya isomelela xa isetyenziswa ngakumbi. Ngokwesithethe, zalisa engqondweni yakho “iinto zonke eziyinene, iinto zonke ezindilekileyo, iinto zonke ezibubulungisa, iinto zonke ezinyulu, iinto zonke ezithandekayo, iinto zonke eziludumo lulungileyo” (Filipu 4:8). Ingcamango ezinjalo zizisa uxolo (Isa. 26:3), kwaye “intlizyo eseluxolweni iwunika ubomi umzimba” (IMiz. 14:30, NIV). Imikhwa yempilo yengqondo ivumela inqaba yamandla ukuba isebenze phantsi kwezona meko zintle kangangoko.

Okwesibini, imikhwa yempilo entle, njengokusebenzisa umzimba [uthambo], nokutya ngendlela eyiyo, kubonisa ukuba siyakhathala ngeziqo zethu. Uthambo, umzekelo, luthoba uxinzelelo, noxinzelelo lwegazi, lulungise isimo sengqondo yethu, luliyeza elinethuba lokucuthisa ukuguga ngaphezu kwayo nayiphi into esinayo emakhaya. Okwesithathu, igosa liya kuphuhlisa imikhwa elungileyo yokuvuselela umphefumlo. Phakamisela umphefumlo wakho kuThixo (Nd. 86:4, 5) ulindele [kuYe] (Nd. 62:5). Umphefumlo wakho uya kuphumelela “njengokuba wena uhamba enyanisweni” (3 Yohane 3) uze “ugcinwe ngokungenakusoleka ekufikeni kweNkosi yethu uYesu Kristu” (1 Tes. 5:23).

Cinga ngohlobo lwemikhwa onayo nendlela enegalelo ngayo kubomi bakho basemoyeni, emzimbeni, nakwimpilo yengqondo. Ingaba zikho iinguqu odinga ukuzenza ukuze uncedakale ukuba ukhule nokuba kukweyiphi okanye kuzo zonke ezi nkalo? Zindlela ezithini onokuzikhethe, ingawaphi amadinga eBhayibhile onokuwabanga anokukunceda ukhulise ubuhle bobomi bakho lo gama ulindele ukubuyiselwa kwakho kokugqibela?

Umkhwa: Ubungcathu

Ubungcathu lolunye uphawu olubaluleke kakhulu lwesimilo ekufanele ukuba igosa libe nalo. “Kuba uThixo akasinikanga moya wabugwala; wasinika owamandla, nowothando, nobungcathu” (2 Tim. 1:7, NIV). Igama lesiGrike lokuziphatha, usophronismos, livela apha kule ndima kuphela kwiTestamente eNtsha kwaye libandakanya ukukwazi ukwenza oko kufuneka kwenziwe ngengqondo ezinzileyo, ephilileyo engayi kujika kwimithethosiseko kaThixo. Ubungcathu businceda ukuba sikwazi “ukucalula okuhle kwanokubi” (Heb. 5:14), ukuyiqonda imeko esikuyo size sithi, ngokuzolileyo nangobulali simelane noxinzelelo neziphazamiso nokuba zithini iziphumo. UDaniyeli walandela okulungileyo sekukho iingonyama, xa ethelekiswa noSamson, owaphila ubomi bokuziyekela wabonisa ukungakwazi ukuzibamba okanye ingqondo ephilileyo. UYosefu walandela okulungileyo esendlwini kanye kaPotifaro, xa ethelekiswa noSolomon, owanqula abanye oothixo (1 Kumkani 11:4, 5).

Funda: 1 Korinte 9:24–27. Uthini apha uPawulos ngokukwazi ukuba nobungcathu? Uthini ngoko, ekugqibeleni, kusengozini kuwo wonke umcimbi wobungcathu?

“Ilizwe lizinikele ekuzibhodlozeni. Iimposiso neentsomi zininzi. Izabatha zikaSathana zokutshabalalisa imiphefumlo zandile. Bonke abanga bangagqibelela ekoyikeni uThixo kufuneka bafunde izifundo zobungcathu nokuzilawula. Ukuthanda ukutya nemizwa kufuneka zibekwe phantsi kolawulo lwamandla aphezulu engqondo. Ukukwazi ukuzilawula kuyafuneka kumandla engqondo nembono yomoya eya kusenza ukuba siqonde senze iinyaniso ezingcwele zelizwi likaThixo.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 101. Ubungcathu bukhula ngokwenza ngokuziqhelisa. UThixo unibizele ukuba “nibe ngcwele nani ngokwenu kuko konke enikwenzayo” (1 Pet. 1:15, NIV) nokuba “niziqeqeshe ukuba nimhlonele uThixo” (1 Tim. 4:7, NIV). Amagosa kufuneka enze aziqeqeshe ukuba abe nobungcathu njengokuba kunjalo kwiimbaleki okanye kwiimvumi ezinetalente. Kufuneka sithi, ngamandla kaThixo nowethu umzamo okhuthuleyo, sizilawule kwizinto ezilulutho [ebomini].

Singakufunda njani ukuziyekela kumandla kaThixo, ekuphela kwaKhe onokusinika ubungcathu esibudingayo njengamagosa athembekileyo amoyikayo uThixo kweli lizwe liwileyo nelikhohlakeleyo?

Ingcamango Eyongeziweyo: UEnoki noNowa bakwenza kwangumkhwa ukuhamba noThixo ngexesha babembalwa abahlala bethembekile phakathi kokuninzi ababenako, izinto zehlabathi, nenkohlakalo (Gen. 5:24, 6:9). Baluqonda balwamkela ubabalo lukaThixo, baza ngoko bangamagosa alungileyo ezinto kunye nemisebenzi abanikwe yona. Kuzo zonke izizukulwana, abantu bahamba noThixo, njengoko uEnoki noNowa benjenjalo. Umzekelo, uDanyeli nabahlobo bakhe “baqonda ukuba, ukuze bakwazi ukuma njengabameli benkolo yenyano phakathi kweenkolo zobuxoki zobuhedeni, kufuneka babe kwanokubethisa ngoyaba nobukrelekrele bengqondo nokuba kufuneka basigqibelelise isimilo sobuKristu. UThixo ngokwaKhe waye eyititshala yabo. Bethandaza rhoqo, befunda ngenkathalo, begcine uqhagamshelano naLowo ungaBonwayo, bahamba noThixo njengoko wenzayo uEnoki.” —Ellen G. White, *Prophets and Kings*, p. 486. “Ukuhamba noThixo” kuchaza oko kwenziwa ligosa, ukuthi, ukuphila noThixo imihla ngemihla emhlabeni. Igosa elilumkileyo liya kwenza umkhwa wokuhamba noThixo phakathi kwenkohlakalo yehlabathi, kuba kuphela ngolu qhagamshelano noThixo esinokuthi sikhuseleke ekuweni kububi obugqubayo. Ukuba ligosa elithembekileyo kuquka ubomi obuhlanganise konke obuqala ngokuvumelana noThixo (Amos 3:3). Kufuneka sihambe kuKristu (Kol. 2:6), sihambe sinobomi obutsha (Rom. 6:4), sihambe eluthandweni (Eph. 5:2), sihambe ebulumkweni (Kol. 4:5), sihambe enyanisweni (Nd. 86:11), sihambe ekukhanyeni (1 Yohane 1:7), sihambe engqibelelweni (IMiz. 19:1), sihambe emthethweni waKhe (Eks. 16:4), sihambe emisebenzini elungileyo (Efese 2:10), sihambe endleleni ethe tye (IMiz. 4:26).

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Chaza ukuthobeka ucacise indawo yako ebomini begosa (Mat. 11:29, Efese 4:2, Filipu 2:3, Yakobi 4:10). Kubaluleke ngantoni ukuthobeka ekuhambeni kwethu noThixo? (Mika 6:8).
2. Eklasini, thethani ngeendlela esinokunceda ngazo abo phakathi kwethu babambeke kwimikhwa emibi, nebatshabalalisayo. Ningenza ntoni, njengebandla lasekuhlaleni, ukubanceda aba bantu?
3. Yeyiphi eminye imikhwa elungileyo amele ukuba nazo amagosa angamaKristu? Bona, umzekelo, Tito 2:7, Nd. 119:172, Mat. 5:8.
4. Eklasini, thethani ngexesha neemfihlelo zexesha. Kutheni ingathi libaleka kakhulu nje? Siliqonda njani kwa ukuba liyintoni ixesha? Okubaluleke kakhulu, kutheni le nto kufuneka ukuba sibe ngamagosa alungileyo elo xesha sinalo apha emhlabeni nelibonakala lilincinane?